



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**SEPTEMBER 2013**

**ISIXHOZA ULWIMI LOKUQALA  
OLONGEZELWEYO – P1  
IMEMORANDAM**

**AMANQAKU: 80**

---

Le memorandam inamaphepha asi – 7.

---

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

#### 1.1 ISICATSHULWA 1

- 1.1.1 Lubonakaliswa ngokuthunyelwa kwezipho okanye iincwadi ezineminqweno emihle kubantu abachaphazelekayo. (1)
- 1.1.2 Ngumbala obomvu. (1)
- 1.1.3 Yonke ke le nquleqhu ngumvungulo wempucuko yaseNtshona. (1)
- 1.1.4 Iba yeyesikhumbuzo somhla wokuzalwa. (1)
- 1.1.5 Ngento embi othe wayenza uyintombi, loo nto iyakwaziwa lilizwe lonke, kuhanjwe kusimiwa ngayo xa iintombi ziye ehlathini okanye emlanjeni/ undaba mlonyeni. (1)
- 1.1.6 Ububoniswa ngezaa mini zemitshotsho yamakhwenkwe namantombazana, nangalaa mihla yeentlombe zabafana neentombi. (1)
- 1.1.7 Kukuba intombi ize yenze izinto ezenziwa emzini wayo ingenzi ezakowayo. (1)
- 1.1.8 Zizithethe namasiko esiXhosa ajongene nemitshato. (1)
- 1.1.9 Bekusithiya ize izihloniphe, ihloniphe nekhaya layo, ibe nesidima. (eziMbini kwezi) (2)
- 1.1.10 Ithetha ukuba into elilungeleyo okanye eyamkelekileyo kwelinye ikhaya ingangamkeleki kwelakho. (2)
- 1.1.11 Umfanekiso weliso/wokubona. (1)
- 1.1.12 Umtshato wamandulo wawulawulwa ngabazali, kweli xesha abantwana bayazidibanelia. (2)
- 1.1.13 Sisishumane (1)
- 1.1.14 Umbhali ucebisa ukuba baqale bazane kwaye bahlale kwingingqi enye. (1)
- 1.1.15 amasi (1)
- 1.1.16 Lungenyanga ka Agasti/eyeThupha, ngomhla we-9. (2)

- 1.1.17 Kukukhumbula amaqhawekazi aqhankqalazela ukuphathwa kwepasi ngamabhinqa ngexesha lolawulo IwamaBhulu/ ngexesha lengcinezelo apha eMzantsi Afrika.
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (2)
- 1.1.18 Ewe, kuba ezivenkileni kubakho iikomityi; iintyatyambo ezibomvu namakhadi athengiswayo aza kuba ziziphо ngolu suku IweValentine kusenziwa imali. (2)  
[24]

**ISICATSHULWA 2**

- 1.2 1.2.1 Ongenambeko oxhaphaza abanye abantu xa efuna ukulungelwa. (1)
- 1.2.2 Ufuna ukuba abantu babenosizi ngoMadiba batsho bavotele i-ANC. (2)
- 1.2.3 Usentlungwini, akakwazi nokuzinceda kulo mntu ambonayo ukuba uyamxhaphaza.  
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 1.2.4 Lubonisa ukuba uyagxagxanyiswa/uyaqweqwediswa lo mntu uhleli esitulweni kwaye akakhathalelwanga nokuba uva njani. (1)  
[6]

**AMANQAKU ECANDELO A:** **30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

#### Ulwabiwo Iwamanqaku:

- Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7
- Amanqaku ama-3 olwimi  
Amanqaku ewonke: 10

#### Ulwabiwo Iwamanqaku olwimi:

- 1 – 3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1.  
4 – 5 amanqaku: Nika amanqaku ama-2.  
6 – 7 amanqaku achanekileyo.

Ngokwezivakalisi, masithungelane siyondelelanelane.

#### QAPHELA:

##### Ifomathi:

Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngemo engachanekanga, masiphononongwe.

##### Ubalo-magama:

Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.

Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibhalanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama alibhalileyo alichanekanga.

Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.

#### QAPHELA:

##### Imo:

Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngemo engachanekanga, masiphononongwe.

- Ubudlelwanu kukuhlobana, ukuvana nendlela ethile.
- Kukho iindidi zokuhlobana ezifana nokuhlobana ngegazi, ngokwendiselana okanye ngezinyo.
- Ubuholo kubantu abaNtsundu kukuhlobana ngeziduko nangona kwamaMhlophe kungenjalo.
- Abantu abaNtsundu ngabantu abanothando, ngokuthetha nomntu nokuba ubeqala ukumbona sele ubuhlobo budalekile.
- Isimo sabantu abaNtsundu sitshintshiwe kakhulu lifuthe labantu baseNtshona ngoba ngoku bayagqitha bengabulisanga.

- Le mpucuko yiyo edale utshintsho kwisimo sabantu abaNtsundu kweli xesha siphila kulo.
- Eli futhe laseNtshona lenze ukuba abantu bajike babe zizigebenga noburhalarhume bande.

**AMANQAKU ECANDELO B:** 10

## **ICANDELO C: UKUSETYENZISWA KOLWIMI**

### **UMBUZO 3**

- 3.1 Garnier Ambre Solaire (1)
- 3.2 Asiyonyani sisetyenziswa ngabo bonke abantu unyaka wonke. (1)
- 3.3 Emeleni (1)
- 3.4 Ewe, kuba kuthiwa ikukhusela kwilanga lase-Afrika elibukhali. (2)
- 3.5 Ngabantu abadala nabasebatsha okanye wonke umntu kuba inesikhuseli-langa. (1)
- 3.6 Ikhusela ukuguga kwesikhumba phambi kwexesha, nakwisifo somhlaza wesikhumba. (2)
- 3.7 Cancer (1)
- 3.8 Ikhusela ikhazimlise isikhumba ayisishiyi singwevu. (1)  
**[10]**

### **UMBUZO 4**

- 4.1 Uyamsizela/usizi/uvelwano (1)
- 4.2 Kwixesha elizayo. (1)
- 4.3 Mfowethu- Liyalahlwa iceba xa igama lisisibizi. (1)
- 4.4 Isisu ebесimluma imini yonke, wohlukene naso. (1)
- 4.5 Madoda/ Bafana (1)
- 4.6 Uza kuqaqanjelwa ngumzimba - Isihlonipho. (1)
- 4.7 Isisu somhambi asingakanani koko singaphambili/ ulwantwentwe ngesisu uncathu ngemikhono. [Namanye amaqhalo/izaci angesisu amkelekile]. (1)
- 4.8 Simlumile isisu nangona ebelisele iyeza. (1)
- 4.9 UChiskop uthe kuRasta makasele naliya iyeza, aze aphumle. (2)  
**[10]**

**UMBUZO 5**

- |     |        |   |                    |
|-----|--------|---|--------------------|
| 5.1 | 5.1.1  | Kulula- esobunjani  | (2)                |
|     | 5.1.2  | Ekujikelezileyo/ekurhangqileyo                                  | (1)                |
|     | 5.1.3  | Isibanayo   | (1)                |
|     | 5.1.4  | Chu/nqwa  | (1)                |
|     | 5.1.5  | Intombazana/intombazanana                                       | (1)                |
|     | 5.1.6  | Isilanduli  | (1)                |
|     | 5.1.7  | Sibonisa ubuncinci ngokweminyaka/ ngokokuzalwa.                 | (1)                |
|     | 5.1.8  | Imoto iqhutywa ngutata.   | (1)                |
|     | 5.1.9  | Ezinintsi- ezininzi<br>Umuntu- umntu                            | (2)                |
|     | 5.1.10 | Eyona- esokugxininisa/ esoqobo sokugxininisa kule- esokwalatha. | (2)                |
|     | 5.1.11 | Amashumi amathathu anesihlanu                                   | (1)<br><b>[14]</b> |
| 5.2 | 5.2.1  | Imiphunga ayonakali kukutshaya.                                 | (1)                |
|     | 5.2.2  | Uhlobo lokuqondisa  | (1)                |
|     | 5.2.3  | Esimhlophe  | (1)                |
|     | 5.2.4  | Isibaluli   | (1)                |
|     | 5.2.5  | Umphunga ngumsi okanye umbilo ophuma embizeni ebilayo.          | (1)                |
|     | 5.2.6  | Yingedle  | (1)<br><b>[6]</b>  |

**AMANQAKU ECANDELO C:** 20  
**AMANQAKU EWONKE:** 80